



ISAZISO: ULAWULO LWETYATHANGA LONIKEZO

ISIMEMO KWABO BANGABANIKEZI ZINKONZO NEMVELISO UKUBA BABHALISE NJENGABABONELELI KULUHLU LWABO BASEBENZISANA NOMASIPALA WASE-OVERSTRAND.

Ngokulandela imiThetho yoLawulo lweTyathanga Lonikezo nemiGaqo kaMasipala wase-Overstrand bonke abanokuba ngababoneleli ngemveliso neenkonzelo kuMasipala wase-Overstrand mababhalise kuvimba weenkucukacha zababoneleli ngeenkonzelo owamkelekileyo. Xa ufuna ukwazi malunga neemfuno zomthetho nangoMgaqo woLawulo lweTyathanga Lonikezo laseOverstrand vula iwebhusayithi yethu ethi: www.overstrand.gov.za

lifomu zokwenza izicelo ezibhalwe ngesiNgesi, ziyafumaneka kwi-ofisi yoLawulo lweTyathanga Lonikezo, kwa-1 eMagnolia Avenue, eHermanus, nakwi-ofisi zabalawuli abasebenzayo eGansbaai, eStanford nase Kleinmond. Ezi fomu ziyafumaneka nakwiwebhusayithi www.overstrand.gov.za.

Abanikezi beenkonzo/bemveliso bayacelwa ukuba bafake izicelo zabo kwifomu emiselweyo ikhatshwe ngala maxwebhu alandelayo:

- Ubungqina benkampani/ubhaliso lweNkampani yabaMbalwa (CIPC)
- Isiqinisekiso sokuhlalulela iinkonzelo zikamasipala zenkampani nezamalungu/zabalawuli bonke beshishini esingadluli inyanga ezintathu ukuba ndala
- Iikopi zeZazisi ezinqinisekisiweyo zamalungu/abalawuli benkampani okanye umnikazi wenkampani
- IPini yeSimo sokuThobela iRhafu
- Isiqinisekiso Sobhaliso kwi-VAT, apho kukho imfuneko
- Isitifikethi sokwamkeleka kwendawo yokunikezela inkonzelo yokulungiselela ukutya
- Isiqinisekiso sobhaliso kuMbutho woPhuhliso kwiCandelo loKwakha (CIDB), apho kukho imfuneko
- Isiqinisekiso sokwamkelwa ukuba uthengisa izixhobo ze IT
- Iinkcukacha zebhanki (kunye netsheki erhoxisiweyo/isitampu sebhanki okanye ileta eqinisekileyo esuka kwiziko lemali ingabi ndala kunenyanga ezintathu)
- **Iikopi eqinisekisiweyo yomgangatho** we B-BBEE. AmaShishini amaNcinci Axolelweyo (EME's) kunye namaShishini amaNcinci Anelungelo (QSE's) angafaka iAfidavithi yeSifungo eqinisekisiweyo

Bonke abanikezi beenkonzo abakuluhlu bayacelwa baqinisekise ukuba iinkcukacha zabo zezichanekileyo kwaye bangenise iPini yeSimo sokuThobela iRhafu esitsha ukuphelelwa kweso basifakileyo ukuze bagcine isimo sabo esiqinisekisiweyo kuluhlu lwabanikezi benkonzo kuMasipala iOverstrand, kananjalo beqinisekisa ukufaneleka kwabo bebonelela ngeenkonzelo kulo Masipala. **Nceda uqaphele ukuba njenomnikezi nkonzo ovunyiweyo luxanduva lwakho ukwazisa eli sebe ngazo naziphi na iinguqu ezithe zenzeka kwishishini lwakho, kuquka utshintsho kwinkcukacha zebhanki, idilesi, isibhengezo sokuvakalisa umdla, njl-njl.**

Bonke abanikezi nkonzo kuMasipala weOverstrand bayakhuthazwa ukuba babhalise kuLuhlu lwaBanikinkonzelo oluDityanisiweyo (CSD) luka Nondyabo weSizwe njengoko lungadibanga noluka masipala.

Ngayo nayiphi na imibuzo onayo ngokubhalisa kuluhlu loMasipala iOverstrand lwabaniki nkonzo oluqinisekisiweyo nxibelelana noMlawuli woLuhlu: Lawulo lweTyathanga Lonikezo **uNkszn. N Ngqoshana**, kule nombolo: **028 313 5072**.

Izicelo mazithunyelwe ku:

Masipala waseOverstrand
Inggalelo ka Nkszn. N. Ngqoshana
ICandelo loLawulo Lwetyathanga Lonikezo
P.O. Box 20
Hermanus
7200

1 Magnolia Avenue
Hermanus
7200

Or via e-mail to: nngqoshana@overstrand.gov.za

C LE ROUX:

UMXHASI MLAWULI: WEZE MALI KUNYE NO LAWULO LOTYATHANGA LONIKEZO